

# INDABA EZILUNGILEYO




# THE GOOD NEWS



Ngenyanga yesithandathu isithunywa esinguGabriyeli sathunywa nguThixo kwelaseGalili, kwidolophu eyiNazarete, kwintombi eyayisendela kumfana wendlu kaDavide, ogama linguJosefu. Igama lentombi leyo lalinguMariya. Safika ke isithunywa kuye, sathi: “Bhota, wena ubabalweyo! INkosi inawe.” UMariya woyika akuweva la mazwi, waza wafuna engqondweni ukuba ngaba ngumbuliso mni na lo. Isithunywa ke sathi kuye: “Musa ukoyika, Mariya, kuba uThixo ukwenzela isisa. Uyabona, uza kumitha, uzale unyana, umthiye igama \*elinguYesu. Yena uya kuba mkhulu, abizwe ngokuba nguNyana kaPhezukonke. INkosi uThixo iya kummisela abe ngukumkani kwaDavide uyise, ayilawule indlu kaYakobi kude kube ngunaphakade, nolawulo lwakhe lungaze luphele.” Wathi ke uMariya: “Ndim lo mna mkhonzazana weNkosi. Makwenzeke kum ngokwamazwi akho.” Saza semka isithunywa kuye. Uluka 1:26-33 & 38

Now in the sixth month the angel Gabriel was sent by God to a city of Galilee named Nazareth, to a virgin betrothed to a man whose name was Joseph, of the house of David. The virgin’s name was Mary. And having come in, the angel said to her, “Rejoice, highly favored one, the Lord is with you; blessed are you among women!” But when she saw him, she was troubled at his saying, and considered what manner of greeting this was. Then the angel said to her, “Do not be afraid, Mary, for you have found favor with God. And behold, you will conceive in your womb and bring forth a Son, and shall call His name Jesus. He will be great, and will be called the Son of the Highest; and the Lord God will give Him the throne of His father David. And He will reign over the house of Jacob forever, and of His kingdom there will be no end.” Then Mary said, “Behold the maidservant of the Lord! Let it be to me according to your word.” And the angel departed from her. Luke 1:26-33 & 38



UJosefu ke waphuma kwelaseGalili, kwidolophu iNazarete, waya kwelakwa-Juda, kwidolophu kaDavide eyiBhetelehem, kuba wayengowomlibo kaDavide. Wayesiya kubhalisa, enoMariya owayesendela kuye. Yena wayeselekhulelwe, kwaza kwathi belapho lafika ixesha lokubeleka kwakhe. Wamzala ke unyana wakhe wamazibulo, wamsongela eziqhiyeni, wamlalisa emkhumbini wesitali, kuba kwakungekho ndawo endlwini yabahambi. Uluka 2:4-7

Joseph also went up from Galilee, out of the city of Nazareth, into Judea, to the city of David, which is called Bethlehem, because he was of the house and lineage of David, to be registered with Mary, his betrothed wife, who was with child. So it was, that while they were there, the days were completed for her to be delivered. And she brought forth her firstborn Son, and wrapped Him in swaddling cloths, and laid Him in a manger, because there was no room for them in the inn. Luke 2:4-7



Kwakukho abelusi kwakweswo sithili, behlala ezindle, belinda imihlambi yabo ebusuku. Babona isithunywa seNkosi simi ngakubo, bathi nobuqaqawuli beNkosi bababengezelela ngeenxa zonke.

Baza boyika kakhulu. Isithunywa ke sathi kubo: “Musani ukoyika; kaloku ndinizisele iindaba ezimnandi zovuyo olukhulu oluya kuba kubo bonke abantu. Namhlanje, edolophini kaDavide, nizalelwe uMsindisi \*onguKrestu iNkosi. Nantsi into eyoba ngumqondiso kuni: nofumana usana lusongelwe eziqhiyeni, lulele emkhumbini wesitali.” Ngequbuliso kwabakho inkitha yezithunywa zezulu, ikunye nesithunywa eso, idumisa uThixo, isithi:

“Makadunyiswe uThixo kweliphezulu,

kube luxolo emhlabeni kubantu abamkholisayo.”

Uluka 2:8-14


Now there were in the same country shepherds living out in the fields, keeping watch over their flock by night. And behold, an angel of the Lord stood before them, and the glory of the Lord shone around them, and they were greatly afraid. Then the angel said to them, “Do not be afraid, for behold, I bring you good tidings of great joy which will be to all people. For there is born to you this day in the city of David a Savior, who is Christ the Lord. And this will be the sign to you: You will find a Babe wrapped in swaddling cloths, lying in a manger.” And suddenly there was with the angel a multitude of the heavenly host praising God and saying: “Glory to God in the highest, and on earth peace, goodwill toward men!”

Luke 2:8-14



Ke kaloku uYesu wakhula, waya esomelela, enobulumko obukhulu, ubabalo lukaThixo lunaye. Uluka 2:40

And the Child grew and became strong in spirit, filled with wisdom; and the grace of God was upon Him. Luke 2:40




Entlango ke kwabonakala uYohane ebhaptiza, eshumayela ukuba abantu mabaguquke babhaptizwe, aze uThixo abaxolele izono zabo. Babephuma besiya kuye bonke abakwa-Juda nabaseJerusalem, bezixela izono zabo, aze ababhaptize emlanjeni iJordan. UYohane wayesambatha ingubo yoboya benkamela, abhinqe ngethwathwa. Wayesitya iinkumbi nobusi. Wayeshumayela esithi: “Lowo uza emva kwam unamandla kunam. Bendingubani mna kakade ukuba ndingade ndikhulule imitya yezihlangu zakhe? Mna okunene ndinibhaptiza ngamanzi, kodwa yena uya kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele.” Ngaloo mihla ke weza uYesu, evela eNazarete kwelaseGalili, wabhaptizwa nguYohane eJordan apho. Kuthe kwangoko, akuphuma uYesu emanzini, izulu lavuleka, wabona uMoya oyiNgcwele esihla phezu kwakhe njengehobe. Kwavakala nelizwi elivela ezulwini, lisithi: “UnguNyana wam endimthandayo wena; ndikhholisiwe nguwe.”

uMarko 1:4-11

John came baptizing in the wilderness and preaching a baptism of repentance for the remission of sins. Then all the land of Judea, and those from Jerusalem, went out to him and were all baptized by him in the Jordan River, confessing their sins. Now John was clothed with camel's hair and with a leather belt around his waist, and he ate locusts and wild honey. And he preached, saying, “There comes One after me who is mightier than I, whose sandal strap I am not worthy to stoop down and loose. I indeed baptized you with water, but He will baptize you with the Holy Spirit.” It came to pass in those days that Jesus came from Nazareth of Galilee, and was baptized by John in the Jordan. And immediately, coming up from the water, He saw the heavens parting and the Spirit descending upon Him like a dove. Then a voice came from heaven, “You are my beloved Son, in whom I am well pleased.”

Mark 1:4-11



UYesu ke wenyuka intaba, wabiza abo wayefuna bamlandele. Baya kuye ke, waza wamisela abalishumi elinambini awababiza ngokuba ngabathunywa, ebamisela ukuba babe kunye naye nokuba abathume baye kushumayela, ebanike igunya lokukhupha iindimoni. UMarko 3:13-15

And He went up on the mountain and called to Him those He Himself wanted. And they came to Him. Then He appointed twelve, that they might be with Him and that He might send them out to preach, and to have power to heal sicknesses and to cast out demons. Mark 3:13-15



Kwakukho inkokheli yamaJuda, egama linguNikodimo. Yona yayiyeyehlelo labaFarasi. Ngabusuku buthile lo Nikodimo weza kuYesu, wathi: “Mfundisi, siyazi ukuba ungumfundisi ovela kuThixo, kuba akukho bani unako ukuyenza le miqondiso uyenzayo wena, ukuba uThixo akanaye.” UYesu waphendula wathi kuye: “Ndithi kuwe, inene, akukho namnye unokuxhamla ukulawulwa nguThixo, engathanga azalwe ngokutsha.”


UNikodimo wathi kuye: “Angáthini na ukuzalwa umntu oselemdala? Kaloku akangekhe aphindele esizalweni sikanina, aze azalwe kwakhona.” Waphendula uYesu, wathi: “Ndithi kuwe, inene, ukuba umntu akathanga azalwe ngamanzi nanguMoya kaThixo, akanakulawulwa nguThixo. Okuzalwa yinyama negazi kuyinyama negazi; okuzalwa nguMoya kunguMoya.

Uyohane 3:1-6

There was a man of the Pharisees named Nicodemus, a ruler of the Jews. This man came to Jesus by night and said to him, “Rabbi, we know that You are a teacher come from God; for no one can do these signs that You do unless God is with him.” Jesus answered and said to him, “Most assuredly, I say to you, unless one is born again, he cannot see the kingdom of God.” Nicodemus said to Him, “How can a man be born when he is old? Can he enter a second time into his mother’s womb and be born?” Jesus answered, “Most assuredly, I say to you, unless one is born of water and the Spirit, he cannot enter the kingdom of God. That which is born of the flesh is flesh, and that which is born of the Spirit is spirit.”

John 3:1-6





Emva koko uYesu waya edolophini ekuthiwa yiNayin, ekunye neqela labafundi bakhe, nendimbane enkulu. Ke kaloku, akusondela esangweni ledolophu leyo, nako kuthwalelwa phandle umntu ofileyo. Umfi lowo wayekuphela konyana womhlokokazi. Loo mhlokokazi wayephelekwe yindimbane enkulu yasedolophini apho. Ithe ke iNkosi, yakumbona, yavelana naye, yathi kuye: “Sukulila.” Yasondela iNkosi, yawachukumisa amanqwawqwa ababemthwele ngawo umfi, baza bema ababemthwele. Yathi: “Mfanandini, vuka!” Wavuka wathi qwa umfi lowo, waza wathetha. INkosi ke yamnikela kunina. Bonke ke bangenwa luloyiko, bamdumisa uThixo, besithi: “Kuvele umshumayeli omkhulu phakathi kwethu;” batsho besithi: “UThixo ubavelele abantu bakhe.”

Uluka 7:11-16

Now it happened, the day after, that He went into a city called Nain; and many of His disciples went with Him, and a large crowd. And when He came near the gate of the city, behold, a dead man was being carried out, the only son of his mother; and she was a widow. And a large crowd from the city was with her. When the Lord saw her, He had compassion on her and said to her, “Do not weep.” Then he came and touched the open coffin, and those who carried him stood still. And He said, “Young man, I say to you, arise.” So he who was dead sat up and began to speak. And He presented him to his mother. Then fear came upon all, and they glorified God, saying, “A great prophet has risen up among us” and “God has visited His people.” Luke 7:11-16



Kwathi uYesu akukhangela, wabona isihlwele esikhulu sisiza kuye, waza wathi kuFilipu: “Ngaba sinokusithenga phi na isonka esaneleyo sokutyisa le ndimbane?” Esitsho nje, wayevavanya uFilipu, kuba yena wayekwazi oko aza kukwenza. Waphendula uFilipu, wathi: “Ngathi nesonka samakhulu amabini eerandi asingekhe sanele okokuba wonke okhoyo afumane iqhekezana.” Omnye wabafundi bakaYesu, uAndriya, umntakwabo-Simon Petros, wathi kuye: “Kukho inkwenkwana apha enezonka ezihlanu zerhasi, neentlanzi ezimbini; kodwa kuyintoni na oko kule nginginya yabantu?” Waza uYesu wathi: “Bahlaliseni phantsi abantu.” Kwakukho ibala elikhulu elinengca apho, baza bahlala phantsi. Inani lamadoda lalikumawaka amahlanu. Wazithatha ke uYesu ezo zonka, wabulela kuThixo, wababela abantu ababehleli phantsi. Wenjenjalo nakwiintlanzi, baza batya banela. Bakuhlutha abantu, uYesu wathi kubafundi bakhe: “Qokelelani okuseleyo. Makungabikho nentwana emoshakalayo.” Bawaqokelela ke amaqhekeza aseleyo ezo zonka zihlanu zerhasi, kwazala iingobozi ezilishumi elinambini. Bakuwubona abantu lo mqondiso uYesu awenzileyo, bathi: “Ngenene, kuthe kanti nguye lo umshumayeli obekade elindelwe!”

Uyohane 6:5-14

Then Jesus lifted up His eyes, and seeing a great multitude coming toward Him, He said to Philip, “Where shall we buy bread, that these may eat?” But this He said to test him, for He himself knew what He would do. Philip answered Him, “Two hundred denarii worth of bread is not sufficient for them, that every one of them may have a little.” One of His disciples, Andrew, Simon Peter’s brother, said to Him, “There is a lad here who has five barley loaves and two small fish, but what are they among so many?” Then Jesus said, “Make the people sit down.” Now there was much grass in the place. So the men sat down, in number about five thousand. And Jesus took the loaves, and when He had given thanks He distributed them to the disciples, and the disciples to those sitting down; and likewise of the fish, as much as they wanted. So when they were filled, He said to His disciples, “Gather up the fragments that remain, so that nothing is lost.” Therefore they gathered them up, and filled twelve baskets with the fragments of the five barley loaves which were left over by those who had eaten. Then those men, when they had seen the sign that Jesus did, said, “This is truly the Prophet who is come into the world.”

John 6:5-14



Kwathi kwakuhlwa abafundi bakaYesu behla baya elwandle, bakhwela isikhitshana, baluwela ulwandle, besiya eKapernahum. Nangona kwakusebusuku uYesu wayengekho kubo. Amanzi olwandle ayesilwa, kuba kwakuvuthuza umoya. Kwathi, bakuba begqibe iikhilomitha ezintlanu okanye ezintandathu bebheqa isikhitshana, babona nanko uYesu ehamba phezu kwamanzi olwandle, esondela. Boyika ke, kodwa uYesu wathi kubo: “Ndim; sanukoyika.” Bamamkela ke esikhitshaneni, kwathi kwangoko isikhitshana safika kuloo ndawo babesiya kuyo.

Uyohane 6:16-21

Now when evening came, His disciples went down to the sea, got into the boat, and went over the sea toward Capernaum. And it was already dark, and Jesus had not come to them. Then the sea arose because a great wind was blowing. So when they had rowed about three or four miles, they saw Jesus walking on the sea and drawing near the boat; and they were afraid. But He said to them, “It is I; do not be afraid.” Then they willingly received Him into the boat, and immediately the boat was at the land where they were going.

John 6:16-21



Kwathi xa kwakuziswa abantwana kuYesu ukuba abachukumise, basuka abafundi babakhalimela abo babazisayo. Ke kaloku ekubonile oku uYesu, wakhathazeka, wathi kubo: “Bayekeni abantwana beze kum, ningabanqandi, kuba ábalawulwa nguThixo ngabanjengabo. Ndithi kuni, inene, othe akakuthobela njengomntwana ukulawulwa nguThixo, soze abuve ubuncwane bolo lawulo.” Waza wabasingatha abantwana, wabasikelela ebabeka izandla. UMarko 10:13-16

Then they brought little children to Him, that He might touch them; but the disciples rebuked those who brought them. But when Jesus saw it, He was greatly displeased and said to them, “Let the little children come to Me, and do not forbid them; for of such is the kingdom of God. Assuredly I say to you, whoever does not receive the kingdom of God as a little child will by no means enter it.” And He took them up in His arms, laid His hands on them, and blessed them. Mark 10:13-16




“Mna ndingumalusi olungileyo. Umalusi olungileyo ubuncamela iigusha zakhe ubomi bakhe. Ezam iigusha ziyaliva izwi lam. Ibe ke ndiyazazi; zona ziyandilandela. Ndizinika ubomi obungenasiphelo. Azisoze zitshabalale, kwaye akukho bani unokuzihlutha kum.”

Uyohane 10:11 & 27-28

“I am the good shepherd. The good shepherd gives His life for the sheep. My sheep hear My voice, and I know them, and they follow Me. And I give them eternal life, and they shall never perish; neither shall anyone snatch them out of My hand.”

John 10:11 & 27-28



Ke ngoko abaFarasi nababingeleli abaziintloko babiza intlanganiso yeBhunga, bathi: “Makuthiweni na? Nanku lo mntu esenza imiqondiso emininzi. Ukuba sithe samyeka waqhuba ngolu hlobo, bonke baya kukholwa kuye, aze eze amaRoma, ayidilize indlu kaThixo, alutshabalalise uhlanga lwethu.” Omnye wabo, uKayafa, owayengumbingeleli omkhulu ngaloo nyaka, wathi: “Anikayiqondi mpela le nto! Aniqondi na okokuba kunilungele ukuba umntu omnye afele abantu, kunokuba kutshatyalaliswe uhlanga lonke?” Oku akakuthethanga kuphuma kuye. Watsho kuba wayengumbingeleli omkhulu ngaloo nyaka, ebhengeza okokuba uYesu wayeza kulufela uhlanga, engafeli lona kuphela, koko efela bonke abantwana bakaThixo abathe saa, ebahlanganisela ndawonye. Kwathi ke ukususela ngaloo mini iinkokheli zamaJuda zabhunga ukumbulala uYesu. Uyohane 11:47-53

Then the chief priests and the Pharisees gathered a council and said, “What shall we do? For this Man works many signs. If we let Him alone like this, everyone will believe in Him, and the Romans will come and take away both our place and nation.” And one of them, Caiaphas, being high priest that year, said to them, “You know nothing at all, nor do you consider that it is expedient for us that one man should die for the people, and not that the whole nation should perish.” Now this he did not say on his own authority; but being high priest that year he prophesied that Jesus would die for the nation, and not for that nation only, but also that He would gather together in one the children of God who were scattered abroad. Then, from that day on, they plotted to put Him to death.


John 11:47-53



Kwakuhlwa ke, uYesu waya kuhlala etafileni, enabafundi bakhe abalishumi elinambini. Xa babesitya, uYesu wathi: “Ndithi kuni, inene, omnye kuni uya kundingcatsha.” Baza ke baba buhlungu, besithi kuye ngabanye: “Ngaba iya kuba ndim na, Nkosi?” Wabaphendula wathi: “Lowo usithi nkxu esityeni isonka kunye nam, nguye oya kundingcatsha. Umatewu 26:20-23

When evening had come, He sat down with the twelve. Now as they were eating, He said, “Assuredly, I say to you, one of you will betray Me.” And they were exceedingly sorrowful, and each of them began to say to Him, “Lord, is it I?” He answered and said, “He who dipped his hand with Me in the dish will betray Me.” Matthew 26:20-23






Amadoda amabini, awayezizihange, ayeqhutywa esiya kubulawa kunye noYesu. Bakufika kuloo ndawo kuthiwa luKhakhayi, bambethelela emnqamlezweni khona apho uYesu, bezibethelela kwanezihange ezo, esinye ngasekunene, nesinye ngasekhohlo. Esinye isihange kwezo zazixhonywe kunye noYesu, sasimnyelisa, sisithi: “Akunguye na uKrestu? Zisindise ke, nathi usisindise.” Sasikhalimela esinye, sisithi: “Akumoyiki na wena uThixo, ukwawiselwe esi sigwebo nje? Esi sigwebo okunene sisifanele thina, kuba sivuzwa ngezenzo zethu; kodwa yena lo akenzanga nto imbi.” Saza sathi kuYesu: “Uzundikhumbule, Yesu, xa uthe weza kulawula.” UYesu wathi kuso: “Ndithi kuwe, inene, kwanamhlanje uya kuba nam emyezweni wakwaThixo.” Uluka 23:32-33 & 39-43

There were also two others, criminals, led with Him to be put to death. And when they had come to the place called Calvary, there they crucified Him, and the criminals, one on the right hand and the other on the left. Then one of the criminals who were hanged blasphemed Him, saying, “If You are the Christ, save Yourself and us.” But the other, answering, rebuked him, saying, “Do you not even fear God, seeing you are under the same condemnation? And we indeed justly, for we receive the due reward of our deeds; but this Man has done nothing wrong.” Then he said to Jesus, “Lord, remember me when You come into Your kingdom.” And Jesus said to him, “Assuredly, I say to you, today you will be with Me in Paradise.” Luke 23:32-33 & 39-43







Ke kaloku kwakumalunga nentsimbi yeshumi elinambini emini, laza lasuka latshona emini ilanga, kwaba mnyama phezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwayintsimbi yesithathu emva kwemini. Ikhusele legumbi eliyingcwele \*yendlu kaThixo lakrazuka kubini. Wadanduluka ke uYesu ngezwi elikhulu, wathi: “Bawo, ndiyawunikela ezandleni zakho umoya wam!” Akuba etshilo, waphuma umphefumlo. Ke umphathi-butho wama-joni, akukubona okuhlileyo, wamncoma uThixo, esithi: “Inene, lo mntu ebelilungisa.”

Uluka 23:44-47


Now it was about the sixth hour, and there was darkness over all the earth until the ninth hour. Then the sun was darkened, and the veil of the temple was torn in two. And when Jesus had cried out with a loud voice, He said, “Father, into your hands I commit My spirit.” Having said this, He breathed His last. So when the centurion saw what had happened, he glorified God, saying, “Certainly this was a righteous Man!” Luke 23:44-47



Kuthe ke lakutshona ilanga, kwafika umntu waseArimati owayesisityebi, ogama linguJosefu. Wayengumfundi kaYesu naye. Yena waya kuPilato, wawucela umzimba kaYesu; waza uPilato wayalela ngokuthi makawunikwe. Wawuthatha ke uJosefu umzimba kaYesu, wawusongela ngelinen ecocekileyo, wawubeka kwelakhe ingcwaba awayesand' ukulixhola eliweni; waza waqengqa ilitye elikhulu, walivala ngalo ingcwaba, wemka. Babelapho ngasengcwabeni ooMariya waseMagadala nomnye uMariya, behleli phantsi bebukele. UMatewu 27:57-61

Now when evening had come, there came a rich man from Arimathea, named Joseph, who himself had also become a disciple of Jesus. This man went to Pilate and asked for the body of Jesus. Then Pilate commanded the body to be given to him. When Joseph had taken the body, he wrapped it in a clean linen cloth, and laid it in his new tomb which he had hewn out of the rock; and he rolled a large stone against the door of the tomb, and departed. And Mary Magdalene was there, and the other Mary, sitting opposite the tomb.



Matthew 27:57-61



Kwakusekusasa ngeCawe ukunduluka kwâbo bafazi besiya engcwabeni, bephethe iziqholo ababezilungisile. Balifumana ilitye liqengqiwe, lisusiwe engcwabeni. Bakuba bengenile, abawufumananga umzimba weNkosi uYesu. Kwathi, besakhohliwe yile nto, kwathi gqi amadoda amabini ngakubo, enezambatho ezibengezelayo. Basuka boyika abafazi, baqondela phantsi, aza athi loo madoda: “Yini na ukuba ophilayo nimfune kwabafileyo? [Akakho apha, uvukile.] Khumbulani awakuthetha kuni esekwelaseGalili, esithi: ‘UNyana woLuntu umelwe kukunikelwa ezandleni zaboni, abethelelwe emnqamlezweni, athi ngomhla wesithathu abuye avuke.’” Bawakhumbula ke amazwi akhe.

ULuka 24:1-8


Now on the first day of the week, very early in the morning, they, and certain other women with them, came to the tomb bringing the spices which they had prepared. But they found the stone rolled away from the tomb. Then they went in and did not find the body of the Lord Jesus. And it happened, as they were greatly perplexed about this, that behold, two men stood by them in shining garments. Then, as they were afraid and bowed their faces to the earth, they said to them, “Why do you seek the living among the dead? He is not here, but is *risen!* Remember how He spoke to you when He was still in Galilee, saying, ‘The Son of Man must be delivered into the hands of sinful men, and be crucified, and the third day rise again.’” And they remembered His words. Luke 24:1-8



Besuka kwangelo lixa, babuyela eJerusalem, babafumana abafundi abalishumi elinanye behlanganisene ndawonye kunye nâbo babenabo, besithi: “Inene, iNkosi ivukile! Ibonakele kuSimon.” Bakubalisa ke okwenzeke endleleni, nokutyhileka kweNkosi kubo xa yayiqhekeza isonka. Ke kaloku, besazithetha ezi zinto, uYesu ngenkqu wema phakathi kwabo, [wathi kubo: “Uxolo malube nani.”] Basuka bankwantya, baba babona into engengomntu ncam. Wathi kubo: “Yini na ukuba nothuke? Kutheni na ukuba nibe nentandabuzo? Khangelani izandla zam, niqonde ukuba ndim kanye. Ndiphatheni niqondisise ukuba ndingumntu, ndinenyama namathambo, njengoko nindibona ndinjalo.” [Etshilo wababonisa izandla neenyawo zakhe.]

ULuka 24:33-40

So they rose up that very hour and returned to Jerusalem, and found the eleven and those who were with them gathered together, saying, “The Lord is risen indeed, and has appeared to Simon!” And they told about the things that had happened on the road, and how He was known to them in the breaking of bread. Now as they said these things, Jesus Himself stood in the midst of them, and said to them, “Peace to you.” But they were terrified and frightened, and supposed they had seen a spirit. And he said to them, “Why are you troubled? And why do doubts arise in your hearts? Behold My hands and My feet, that it is I Myself. Handle Me and see, for a spirit does not have flesh and bones as you see I have.” When He had said this, He showed them His hands and His feet. Luke 24:33-40



Wathi kubo: “Kubhalwe kwathiwa uKrestu umelwe kukuthi eve ubunzima, abuye avuke kwabafileyo ngomhla wesithathu. Kukwabhalwe kusithiwa zothi egameni lakhe zivakaliswe kuzo zonke iintlanga iindaba zenguquko noxolelo lwezono, kuqalelwa eJerusalem. Nina ke ningamangqina ezi zinto. UYesu ke waphuma nabafundi bakhe, wabasa ngaseBhetani; waza waphakamisa izandla zakhe, wabasikelela. Kwathi esabasikelela, wahlukana nabo, [wanyuswa wasiwa ezulwini]. ULuka 24:46-48 & 50-51

And He said to them, “Thus it is written, and thus it was necessary for the Christ to suffer and to rise from the dead the third day, and that repentance and remission of sins should be preached in His name to all nations, beginning at Jerusalem. And you are witnesses of these things.” And he led them out as far as Bethany, and He lifted up His hands and blessed them. Now it came to pass while He blessed them, that He was parted from them and carried up into heaven.

Luke 24:46-48 & 50-51

Kaloku uThixo ihlabathi ulithande kangangokuba ude wancama uNyana okuphela kwakhe, ukuze wonke umntu ozinikele kuye ngokupheleleyo angatshabalali, koko abe nobona bomi bunge-nasiphelo. Kuba kaloku uThixo akamthumanga uNyana wakhe ehlabathini ukuze aligwebe, koko wamthuma ukuze abe nguMsindisi walo. Lowo uzinikelayo kuNyana kaThixo akagwetywa; kodwa lowo ungazinikeliyo selegwetyiwe, kuba engakholwa kuNyana kaThixo okuphela kwakhe.

Uyohane 3:16-18

For God so loved the world that He gave His only begotten Son, that whoever believes in Him should not perish but have everlasting life. For God did not send His Son into the world to condemn the world, but that the world through Him might be saved. He who believes in Him is not condemned; but he who does not believe is condemned already, because he has not believed in the name of the only begotten Son of God.

John 3:16-18

Xa sithi asinasono siyazikhohlisa, asinanyani mpela. Kodwa ke, ukuba siyazivuma izono zethu, uThixo uthembekile, ulilungisa; wosixolela izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi.

1 Kayohane 1:8-9

If we say that we have no sin, we deceive ourselves, and the truth is not in us. If we confess our sins, He is faithful and just to forgive us our sins and to cleanse us from all unrighteousness.

I John 1:8-9

Waphendula uYesu wathi: “Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi. Akukho namnye unokuya kuBawo engayi ngam.

Uyohane 14:6

Jesus said to him, “I am the way, the truth, and the life. No one comes to the Father except through Me.”

John 14:6

“Yizani kum, nina nonke nisindwayo, nibulalekayo; ndoniphumza. Ngenani edyokhweni yam, nifunde kum, kuba mna ndilulamile, ndingontliziyo ithobekileyo. Nothi ke nizifumanele ukuphumla iintliziyo zenu, kuba idyokhwe yam ayityabuli, nomthwalo wam ulula.”

UMatewu 11:28-30

“Come to Me, all you who labor and are heavy laden, and I will give you rest. Take My yoke upon you and learn from Me, for I am gentle and lowly in heart, and you will find rest for your souls. For My yoke is easy and My burden is light.”

Matthew 11:28-30

Mininzi neminye imiqondiso awayenzayo uYesu beyibona abafundi bakhe, engabhalwanga kule ncwadi. Ezi ke izinto zibhalelwe ukuze nikholwe ukuba uYesu unguye \*uKrestu, uNyana kaThixo; nokuze nithi nikholwa, nibe nobomi ngenxa yegunya legama lakhe.

Uyohane 20:30-31

And truly Jesus did many other signs in the presence of His disciples, which are not written in this book; but these are written that you may believe that Jesus is the Christ, the Son of God, and that believing you may have life in His name.

John 20:30-31

“Kaloku ndingu-A, ndikwangu-Z; ndingowokuqala, ndikwangowokugqibela, ndikwasisiqalo nesiphelo.”

Isityhilelo 22:13

“I am the Alpha and the Omega, the Beginning and the End, the First and the Last.”

Revelation 22:13

ΑΩ



Ingaba lo mthathandazo ingumnqweno wentliziyo yakho? Okokuba kunjalo thandaza lo mthandazo,uYesu angene entliziweni yakho nanje ngokuba ethembisile:

*Nkosi Yesu ndiziqondile okokuba ndingumoni,ndiyakudinga ebomini bam. Ndiyabulela ngokundifela emnqamlezweni wazisusa izono zam. Ndiyabulela ngokuxolela izono zam nokundinika ubomi obungunaphakade. Ndiyakumema ebomini bam ubeyiNkosi noMsindisi wempilo yam. Ndiyakucela ulawule ubomi bam.*

Igama \_\_\_\_\_

Umhla \_\_\_\_\_

Does this prayer express the desire of your heart? If it does, pray this prayer and Christ will come into your life as He promised:

*“Lord Jesus, I realize that I am a sinner and need you in my life. I thank you for dying on the cross to take away my sins. Thank you for forgiving my sins and giving me eternal life. I invite you into my life as Savior and Lord. Please take control of my life.”*

Name \_\_\_\_\_

Date \_\_\_\_\_

Iguqulelwe ngu: Linda Riddell

Illustrated by: Linda Riddell

Xhosa quotations from IBHAYIBHILE isiXhosa Bible (1996 Translation)  
Used by permission of the Bible Society of South Africa.

English Scripture quotations are from the New King James Version  
Copyright © 1982 by Thomas Nelson, Inc., Publishers  
Used by permission. All rights reserved.

[www.goodnewscoloringbook.org](http://www.goodnewscoloringbook.org)

Xhosa/English

